S.E.K. Mqahyi: *The Bantu World* (07 December 1935), page 6

**Umbongo Nge Abyssinia**

Amazwi amakhulu e Mbongi-Yesizwe Jikelele

Awu!!!
Kwakha kwanje phi na nkomo zoNoqazo?
Nang'amadela kuf'akwa
Kushe! Izidla-mlilo zase Topiya.
Izirhanini-zezirhanini!
Ndathanda ma NoNgqika,—
Ndathanda nkomo zika Phalo.
Zatsho ndikude,—
Zatsho phezulu kweleentaba:
Kwelama Kafa nama Gala;
Zatsho ngaphaya kwelama Jiji;
Nganeno kwelama Somali,—
Ngasentla kwe Sikhalimanjalo!
Sathanda simabandla ka Phalo!
Koko zitsho sise Zangcibeni;
Ekungeneni kwemilamb'elwandle.
Lanuk' igazi[1] lotshaba,—
Sayisezel'imfazwe ngevumba,
Ngokwamahash'emfazwe kanye.
Kanisibolek'indodana soninika phezolo!
Amadodan'okudl'imityekezo yomlilo
Zatsho kamnandi!
Zatsho kamnandi mathol'ase Sheba
Emaz'ephet'amaqhalo namaqhina!
Emaz'ephat'ubulawu nezifikane:
Ephat'ityeleba negusawe:
Nathi besihlala siyiva ngezi Bhalo.
Koko bezingaxeli nesiqingatha.
Kuba bezingathethi nto ngesondo.

---

[1]Lank'igazi

Kanti isondo litheth'int'ezinkulu:
Kuba sibone kuphum'ingonyama.
U-Kwalukwalu ngokwe Xhalanga:
U-Ngalusiba Iwa Ngqanga:
U-Ngxavula ngokwasilonyana:
Ngokwe Mpemb'enkulu nesinyobolokondwane.
Ndathanda Ras Seyome!
Ndathanda zingqadaza zase Afrika!
Makwedin'aKomkhulu kwa Kushe.
Ndathanda nakurhol'int'etsolo.
Nakuyidlis'inyama-gazi lendoda.
Ayephin'amagqwir'asekhay'apha?
Singakhe sikwele ngabusukwazana.
Sihambh' emafini ngaphezulu:
Simxak' u Masolini limkhohle
Siyibet' igesi ngomgubo ka Phezulu:
Ii Eropleni sizithule ngeziluthu.
Simtyhaphaz' amehlo ngengcongolo zohili:
Simke nezidumbu sidlis' ingonyama.
Senze namayez' entelezi nezibindi.
Tarhuni magqwirha[2] nani magqwirhakazi!
Makube luxolo phakathi kwekhaya,—
Umz' usafa nganina kulendyebo,
Kulendyebo yendyikitya yokubulalana!
Masiy' e Bhasiniya ngabusukwazana:
Senz' iziged' ema Taliyaneni:
Wayiwayi no Malingaphumi:
Sofik' emakay' ekuzeni kokusa:
Ngezifingo no Mpondo zankomo.
Betha Selasi Mhlekazi,—
Betha kaloku kukulungele!
Thum' iinyoka nonomadudwane:
Thum' iinyosi nonomanxedlane:
Thumel' izibawu nezigcawu:
Thumel' ooqebeyi noonqinishe;

[2] Magawirha

Thumel’ imihlwazi namaqungequ:
Siyambon’ uMasolini uyabhekabheka:
Selezizond’ ubuyatha nobudenge;
Tshisa mfo wakwa Kushe Komkhulu!
Sikhe sathethana ngawe noQamatha
U-Qamatha o Phezu konke kulomazulu;
Ingwangqaz’ emaphik’ alunanabezi;
U-Jehova wezihlwelehlwele,—
U-Jehov’ uThixo wemikhosi!
Sishiyene kumazw’ amahl’ athembhisayo,
Esithi zekungabikho Thixo bambhi:
Kuba Yena ngu Thix’ onekhwele.
Taruni ma Zants’ e Afrika taruni!
Tarhuni ngemfobe nangemfesane:
Taruni beSuthu nani maZulu:
Simabandla ka Phalo ka Butsolobentonga.—
Siyayilwa le mfazwe ngezigulo,—
Ngencwina nangemixhelo.
Kuf’ ayayo! Kuf’ ayayo madela kufa!
Simzi ka Phalo ka Nojoli,—
Siyaninqulela mabandlandini!
Hayi ke beth’ imfazw’ase Bhasiniya!
Ncincilili!!!